Isalathiso: 20200303-5214
Inombolo yefayili: 12/2/8/20/2
Imibuzo: H Mahomed

INgcaciso eMfutshane yoCandelo loLawulo lweKharityhulam noPhuhliso looTitshala: 0001 /2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko eziNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kubaQuquzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBacebisi beZifundo, nakwiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa nakwizikolo ezizimeleyo

**Isihloko: Isimemo esiya kuzo zonke iiNqununu, ootitshala kunye nabafundi beBakala -7 ukuya ku-12 sokuba bathathe inxaxheba kwi-My *Future 4.0: Next Levels Skills and Career Summit*: nge-19 ukuya kwi-21 Matshi 2020**

1. INgqungquthela i-My *Future 4.0 Next Levels Skills and Career Summit* icwangciselwe ukuqhubeka ukususela nge-9 ukuya kwi-21 Matshi 2020 e-*Cape Town International Convention Centre*.

2. Injongo yale ngqungquthela kukubonisa abafundi izakhono zethekhinoloji zexesha elizayo eziyimfuneko ukulungiselela amakhondo omsebenzi nemisebenzi ye-*Fourth Industrial Revolution*.

3. Iinkampani ezikhokelayo ziya kuqaqambisa utshintsho olukumashishini azo kwakunye nezakhono eziya kuba yimfuneko ukuzuza impumelelo.

4. Amaziko emfundo ephakamileyo nemibutho yoqeqesho iya kubonisa ngeekhosi zabo kwaye bazise iindwendwe ukuba zifunyanwa njani kwaye naphi na izakhono abaya kuzifuna kwiminyaka ezayo.

5. Kumenywa iinqununu, ootitshala kunye nabafundi beBakala 7 ukuya ku-12 abasuka kuzo zonke izikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni ukuba baye kule ngqungquthela.

6. Abafundi baya kufumana amava okuhlanganiswa kwelizwe lezinto ezikhoyo, elobuchule bethekhnoloji nelezinto eziphilayo.

7. Le ngqungquthela iya kuqaqambisa unxibelelwano noqhagamshelwano kwezorhwebo noshishino nefuthe lethekhnoloji kuzo zonke izakhono namakhondo omsebenzi exesha elizayo.

8. Abafundi baya kufumana ithuba lokuncokola kwakunye namava okwenza imisebenzi lo gama basebenzisana neenkampani zethekhnoloji ezikhokelayo, namaziko ophuhliso lwezakhono nokufunda ngobuchule bethekhnoloji *(digital skills*), neengcaphephe zakwarhulumente zengcaciso nethekhnoloji.

9. Intlawulo yokungena kwingqungquthela yi-R70 ngomfundi ngamnye ukwenzela ithuba leentsuku ezintathu zengqungquthela. Ootitshala abakhaphe abafundi baya kungena mahala. Kucelwa uqaphele ukuba ootitshala abaziyela ngabodwa iya kuba yi-R100 umntu ngamnye.

10. Kukho isibonelelo sentlawulo esincinane esifumanekayo kwizikolo ezifuna inkxaso yezothutho kunye nentlawulo yokungena kwingqungquthela.

11. Ukujonga ngokukhawuleza kwingqungquthela ka-2019, klikha kule linki ilandelayo ukuze ubone ividiyo yokwazisa ngale ngqungquthela:

**2019 SHOWREEL**

https://www.youtube.com/watch?v=h1ahNUn8Gh4&t=5s

**Klikha apha ngezantsi ukubhukishela iqela lesikolo sakho:**

**SCHOOL & GROUP BOOKINGS**

https://www.myfuture4.com/booking-form-cpt-summit

12. **Ingcaciso malunga nenkxaso yentlawulo:**
Izikolo ezinqwenela ukwenza isicelo senkxaso-mali kwiSebe i-*WCED* kufuneka zilandele inkqubo elandelwayo yokuthengwa kwempahla neenkonzo:

- Kufuneka zifumane iikowuteshini ezintathu zezothutho, kubaboneleli-nkonzo abasele benze iimvumelwano *(contracts)* nezikolo.

- Izikolo kufuneka zingenise iikowuteshini yezothutho kuNks Nicole Ferreira apha nicole@myfuture4.com.

- UNdlunkulu weSebe i-*WCED* uya kuthumela ikowuteshini yomboneleli-nkonzo ovunyiweyo. Kuya kuthi xa kufunyenwe i-invoyisi, uNdlunkulu weSebe i-*WCED* asibhatale isixa-mali esikolweni. Iya kuba sisikolo esiya kubhatala umboneleli-nkonzo.

13. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke ootitshala abasesikolweni ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2020-03-05